Isalathiso: 20170410-9918
13/10/1/2
Imibuzo: TJ Magwaca

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0009/2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele ; kuBalawuli abaziiNtloko ; kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili) ; kumaSekela Balawuli ; kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko; kubaMpathi: weZoncedo ngezeKharityhulam; kuBacebisi bezifundo, kuBaphathi beeSekethe; kubaPhathi bezeNgcaciso: uKuphathwa noLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule; kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko nakwiiNtloko zamaziko emfundo alungiselela abaviwa iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isihloko: Ukwenza izicelo kwizithuba zokuqeshwa njengommakishi kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke kwizifundo ezikhatshwa ziimvavanyo zobuchule

1. **Abenzi-sicelo abatsha**

1.1 Ootitshala, abacebisi bezifundo nakubacwangcisi bezekharityhulam abakhulu abazanelisayo iikhrayitheriya (ezicaciswe **kwisiHlomelo A**), bayacelwa ukuba benze izicelo kwizithuba zokuba ngabamakishi kuviwo lweSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC*) lwangoNovemba 2017 kwezizifundo zilandilayo zikhatshwa ziimvavanyo zobuchule : *Accounting, Business Studies, Consumer Studies, Economics, English Home Language, Geography, History, Life Sciences, Mathematical Literacy, Mathematics ne-Physical Sciences.*

1.2 Abenzi-sicelo abatsha mabazalise le fom yesicelo ephawule ukuba **sisiHlomelo B**.

2. **Ukungeniswa kwezicelo (abenzi-sicelo abatsha)**

2.1 **Bonke abenzi-sicelo abatsha mabaqhoboshele la maxwebhu alandelayo kwiifom zokwenza isicelo:**

- Isivi (*curriculum vitae*).
- Ikopi yesazisi sakhe eqinisekisiweyo.
- Ikopi/iikopi eziqinisekisiweyo ze(e)rekhodi yezifundo zakhe.

- Ikopi eqinisekisiweyo yesatifikethi/ Iikopi eziqinisekisiweyo zezatifikethi zemfundo yakhe.
- Isiqinisekiso sokubhaliswa kwi *South African Council of Educators (SACE)* njengotitshala.

2.2 Izicelo mazingeniswe kule dilesi ilandelayo:

Head: Education
Attention: Mr M Cameron
Directorate: Assessment Management
Western Cape Education Department
5th Floor, Grand Central Towers
Lower Parliament Street
CAPE TOWN
8001

2.3 Izicelo mazifike e*WCED* ungadlulanga owe-**19 Meyi 2017**. Ukuba unayo nayiphi imibuzo, kucelwa uqhagamshelane noMnu M Cameron kwifoni 021 467 2964.

3. Abenzi-sicelo abaphumeleleyo baya kwaziswa ngokuqeshwa kwabo ngokubhalelwa incwadi yaye kuya kufuneka basayine imvumelwano ne*WCED*. Enye imbalelwano ephathelele kwinkqubo yokumakisha iya kulandela kamva.

4. **Ukugcwaliswa kwefom yesiQinisekiso ngabamakishi abaqeshiweyo**

4.1 Abamakishi abaqeshwa ngo-2015 nango-2016 baaqeshwa isithuba seminyaka emithathu (*three year period*) nemibini (*two year period*) ngokulandelelayo (respectively), ephantsi kwerivyu yaqho ngonyaka ukwenzela ukuqinisekisa ukuba ngaba bayazanelisa iikhrayitheriya zokuqeshwa.

4.2 Aba bamakishi kumele into yokuba bazalise iFom yesiQinisekiso (i-*Declaration Form;* IsiHlomelo C) ukuze kuzokuqinisekiswa okokuba basakulungele na ukuqeshwa kwabo kulo nyaka ka-2017. Zonke iiFom ezigcwalisiweyo kufuneka zibuyiselwe kuledilesi ingentla ungadlulanga umhla we-**19 Meyi 2017.** Ukuba ummakishi akayibuyiselanga **Iefom yesiQinisekiso** ngalomhla obekiweyo, ummakishi lowo uchaphazelekaya uyakulahlekelwa sisikhundla sakhokwiqela labamakishi abeqeshwe nabo.

5. **Ukubhalwa kweemvavanyo zobuchule**

5.1 Ngo-2016, i*WCED* iya kuba iqhuba iimvavanyo zobuchule kwezi zifundo zilandelayo: *Accounting, Business Studies, Economics, English Home Language, Geography, History, Life Sciences, Mathematics, Physical Sciences, Consumer Studies* ne-*Mathematical Literacy*.

5.2 Kuphela ngabenzi-sicelo abafumana amanqaku ayi-60% nangaphezulu kwiimvavanyo zobuchule abaya kuqatshelelwa ukuqeshwa njengamagosa angabamakishi.

5.3 Abenzi-sicelo abaye babhala uvavanyo lobuchule kwi-*Accounting, Business Studies, Economics, English Home Language, Geography, History, Life Sciences, Mathematics, Physical Sciences*, *Consumer Studies* ne-*Mathematical Literacy* phakathi ko-2011 no 2016 nababefumene ireyithi yokupasa ye-60% nangaphezulu **akukho mfuneko yokuba baphinde** babhale uvavanyo lobuchule kwezi zifundo ngo-2017. Nakuba kunjalo, kukhuthazwa ootitshala ukuba babhale iimvavanyo zobuchule apho banqwenela ukuphucula iziphumo zabo.

6. Amalungiselelo amalunga nokubhalwa kweemvavanyo zobuchule

6.1 Kuya kwenziwa zonke iinzame zokuba kulungiselelwe abenzi-sicelo kwindawo ekwisithili semfundo sabo kufutshane nalapho bahlala khona. Ingcaciso ngeendawo ekuya kuqhutyelwa kuzo iimvavanyo zobuchule iya kwaziswa kumenzi-sicelo ngamnye ethubeni.

6.2 Iimvavanyo zobuchule ziya kusekelwa kwikharityhulam yesifundo se*NSC* okanye kwiphepha nakubuchule bokumakisha obufanelekileyo (*appropriate marking skills)* kweso sifundo okanye kwelo phepha. Nakuba kunjalo, kwimeko ye-*Economics* ne-*Geography*, abenzi-sicelo baya kuviwa kwikhontenti yekharityhulam yawo omabini amaPhepha u-1 no-2 ngokulandelelanayo. Ngokubhekiselele kwi-*English Home Language* abenzi-sicelo baya kuviwa kwikhontenti yekharityhulam yamaPhepha 1, 2 no-3 ngokudibeneyo.

6.3 Ithayimthebhile yokubhala iimvavanyo zobuchule:

IZIFUNDO	**UMHLA**	**IXESHA**
Accounting	29/05/2017	14:30 – 16:30
Mathematics Paper 1		14:30 – 16:30
History Paper 1		14:30 – 17:00
Consumer Studies		14:30 – 17:00
Business Studies	30/05/2017	14:30 – 17:00
History Paper 2		14:30 – 17:00
Geography Paper 1 and 2 (Iphepha elinye)		14:30 – 17:00
Mathematical Literacy Paper 1		14:30 – 16:30
Physical Sciences Paper 1		14:30 – 17:00
Physical Sciences Paper 2	31/05/2017	14:30 – 17:00
Life Sciences Paper 1		14:30 – 16:30
Mathematical Literacy Paper 2		14:30 – 16:30
Mathematics Paper 2	01/06/2017	14:30 – 16:30
English Home Language Paper 1, 2 and 3 (Iphepha elinye)		14:30 – 17:30
Economics Paper 1 and 2 (Iphepha elinye)		14:30 – 17:30
Life Sciences Paper 2		14:30 – 16:30

7. Ukumakishwa kweencwadi zeempendulo zoviwo lwe*NSC* ngomnye wemisebenzi ebaluleke kakhulu kwinkqubo yoviwo. I-*WCED* iyazingca ngokuqesha kwayo abamakishi abanobuchule nabanamabanga emfundo afanelekileyo. Ngako oko ke, iinqununu namanye amagosa amakhulu anika iingcebiso ngabamakishi mabakwenze oku ngokunyanisekileyo nangentembeko *(must act in good faith)*. Kucelwa uqaphele ukuba ukunika ingcaciso engachanekanga kwifom yesicelo kuya kuthathwa njengobuqhopholo yaye kuya kusingathwa ngokufanelekileyo ngokoMthetho weNgqesho yooTitshala, ka-1998 (UMthetho 76 ka-1998).

8. Kubaluleke kakhulu ukuba iinqununu, abalawuli bezithili, abaphathi beesekethe nabacebisi bezifundo bazise okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane bonke ootitshala ukwenzela ukuba bazazi iikhrayitheriya zokuqeshwa phambi kokungenisa izicelo zabo. ICandelo loLawulo loVavanyo aliyi kwamkela zigxeko ukuba ootitshala abaziswanga ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane.

9. I-WCED ixhomekeke kwintsebenziswano nenkxaso yakho ngalo mba ubaluleke kangaka.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2017-05-12